

ziqhamo ze-*karma* zinokutshatyalaliswa ngokulandela inkqubo yokuqonda ngenqu (ubuwenana). Kwaye inkqubo yokuqonda ngenkqu yelixesha yi-*nama-sankirtana*, okanye ukuculwa kwamagama angcwele kaThixo, i-Hare Krishna *maha-mantra*:

Hare Krishna Hare Krishna  
Krishna Krishna Hare Hare  
Hare Rama Hare Rama  
Rama Rama Hare Hare

[www.iskconpe.co.za](http://www.iskconpe.co.za)



**The Bhaktivedanta Book Trust**  
Africa

Founder-*Ācārya* His Divine Grace  
A.C. Bhaktivedanta Swami Prabhupāda

[www.bbtafrica.co.za](http://www.bbtafrica.co.za)



© 2013 The Bhaktivedanta Book Trust International, Inc. All rights reserved.

ziqhamo ze-*karma* zinokutshatyalaliswa ngokulandela inkqubo yokuqonda ngenqu (ubuwenana). Kwaye inkqubo yokuqonda ngenkqu yelixesha yi-*nama-sankirtana*, okanye ukuculwa kwamagama angcwele kaThixo, i-Hare Krishna *maha-mantra*:

Hare Krishna Hare Krishna  
Krishna Krishna Hare Hare  
Hare Rama Hare Rama  
Rama Rama Hare Hare

[www.iskconpe.co.za](http://www.iskconpe.co.za)



**The Bhaktivedanta Book Trust**  
Africa

Founder-*Ācārya* His Divine Grace  
A.C. Bhaktivedanta Swami Prabhupāda

[www.bbtafrica.co.za](http://www.bbtafrica.co.za)



© 2013 The Bhaktivedanta Book Trust International, Inc. All rights reserved.

# Ulwazi nge-*karma*

Masithi kukho abantwana ababini abazalwa ngexesha elinye ngosuku olunye. Umntwana wokuqala uzalwa ngabazali abasempilweni, abafundileyo kwaye bethathe ithuba elaneleyo ukulungiselela ukuzalwa komntwana wabo. Lo mntwana ke uthi azalwe esempilweni, emhle, kwaye ikamva lakhe libonakala liqaqambile.

Umntwana wesibini yena uthi azalwe eyingxwelerha, ezalwa numzali olihlwempu, mzali lowo owashiywa ngumyeni ngelixa esenzima. Ngaphandle kwamathandabuzo, ubomi balo mntwana buzakuzala ziintsizi.

Sakudibana neemeko eziloluhlobo apha ebomini, sithi sizibuze imibuzo efana nokuba, "Kutheni ubomi bungenamfesane kangaka?" "Kwakutheni ze

# Ulwazi nge-*karma*

Masithi kukho abantwana ababini abazalwa ngexesha elinye ngosuku olunye. Umntwana wokuqala uzalwa ngabazali abasempilweni, abafundileyo kwaye bethathe ithuba elaneleyo ukulungiselela ukuzalwa komntwana wabo. Lo mntwana ke uthi azalwe esempilweni, emhle, kwaye ikamva lakhe libonakala liqaqambile.

Umntwana wesibini yena uthi azalwe eyingxwelerha, ezalwa numzali olihlwempu, mzali lowo owashiywa ngumyeni ngelixa esenzima. Ngaphandle kwamathandabuzo, ubomi balo mntwana buzakuzala ziintsizi.

Sakudibana neemeko eziloluhlobo apha ebomini, sithi sizibuze imibuzo efana nokuba, "Kutheni ubomi bungenamfesane kangaka?" "Kwakutheni ze

umntu olunge oluhlobo azalwe eyimfama nje?"  
"Kutheni uThixo engenavelwano nje?"

Iimpendulo kulemibuzo kunye neminye imibuzo eluluhlobo ziyafumaneka kwizibhalo zamandulu ezingcwele zeVeda yase-Indiya. Kwezizibhalo sifumana ulwazi ngezihloko ezifana ne-*karma*. Ingaba yintoni ke i-*karma*? Eligama lithi "*karma*" lithetha, "isenzo." Apha ebomini kukho umithetho wendalo olawula izenzo zethu. Lo mthetho ubizwa ngokuba ngumthetho we-*karma*. Ingaba uthetha ukuthini lo mthetho? Uthetha ukuba, "Uvuna oko ukulimileyo." Sikwadibana nalo mthetho mnye kwinzululwazi yefisikisi kwaye waziwa ngokuba ngumthetho ka-Newton. Kanti nezibhalo zamaKrestu nazo zithi, "Njengoko ulima uyakuthi uvune."

Ngoluhlobo siyabona ukuba umntu owenza izinto ezintle ufumana umuzo oncumisa kwixesha okanye ubomi obuzayo. Kanti lowo enza izinto ezimbi uyasokola kobu ubomi nakobuzayo. Kuncwadi lwee-Veda sifumana inkcaza ethi, nomntwana obonakala ngathi ulungile, unokwehlulwa zizinto ezimbi ngenxa yezenzo zakhe ezibi zobomi bakhe bangaphambili.

2

umntu olunge oluhlobo azalwe eyimfama nje?"  
"Kutheni uThixo engenavelwano nje?"

Iimpendulo kulemibuzo kunye neminye imibuzo eluluhlobo ziyafumaneka kwizibhalo zamandulu ezingcwele zeVeda yase-Indiya. Kwezizibhalo sifumana ulwazi ngezihloko ezifana ne-*karma*. Ingaba yintoni ke i-*karma*? Eligama lithi "*karma*" lithetha, "isenzo." Apha ebomini kukho umithetho wendalo olawula izenzo zethu. Lo mthetho ubizwa ngokuba ngumthetho we-*karma*. Ingaba uthetha ukuthini lo mthetho? Uthetha ukuba, "Uvuna oko ukulimileyo." Sikwadibana nalo mthetho mnye kwinzululwazi yefisikisi kwaye waziwa ngokuba ngumthetho ka-Newton. Kanti nezibhalo zamaKrestu nazo zithi, "Njengoko ulima uyakuthi uvune."

Ngoluhlobo siyabona ukuba umntu owenza izinto ezintle ufumana umuzo oncumisa kwixesha okanye ubomi obuzayo. Kanti lowo enza izinto ezimbi uyasokola kobu ubomi nakobuzayo. Kuncwadi lwee-Veda sifumana inkcaza ethi, nomntwana obonakala ngathi ulungile, unokwehlulwa zizinto ezimbi ngenxa yezenzo zakhe ezibi zobomi bakhe bangaphambili.

2

Umntu ngamnye une-*karma* yakhe eziziphumo zezenzo zakhe (ezilungileyo okanye ezingalunganga) zexesha okanye zobomi bangaphambili. Maxawambi xakukho into eyenzekileyo, siziva sisithi, "Igazi lam belikhe landixelesa ukuba le nto izakundehlela." Nangona oku kusenzeka singahoyanga, kuyabonisa ukuba ngokungahoyanga, siyakwamkela ukuba umntu ngamnye une-*karma* yakhe, ntonje asazi ukuba imithetho ye-*karma* isebenza njanina.

Kambe ke babantu kuphela abaphantsi kwalemithetho ye-*karma*, kuba babantu kuphela abanengqondo eyaneleyo yokuthabatha isigqibo esisiso. Ezinye iindidi zobomi ezisezantsi (izilwanyana) azinayo i-*karma*.

Ngako oko kukumzimba womntu kuphela apho umntu anokuthi azikhulule kumthetho we-*karma*. Umntu unokuzicoca de afike kwinqanaba elingcwele, apho umthetho we-*karma* ungasamchukumisi kwaphela. Ulwazi lokukhululeka kulemithetho luyafumaneka kuncwadi lwee-Veda. Ngamawaka-waka eminyaka eziVeda zanika olu lwazi lululo ngendlela yokoyisa le mithetho ye-*karma*.

3

Umntu ngamnye une-*karma* yakhe eziziphumo zezenzo zakhe (ezilungileyo okanye ezingalunganga) zexesha okanye zobomi bangaphambili. Maxawambi xakukho into eyenzekileyo, siziva sisithi, "Igazi lam belikhe landixelesa ukuba le nto izakundehlela." Nangona oku kusenzeka singahoyanga, kuyabonisa ukuba ngokungahoyanga, siyakwamkela ukuba umntu ngamnye une-*karma* yakhe, ntonje asazi ukuba imithetho ye-*karma* isebenza njanina.

Kambe ke babantu kuphela abaphantsi kwalemithetho ye-*karma*, kuba babantu kuphela abanengqondo eyaneleyo yokuthabatha isigqibo esisiso. Ezinye iindidi zobomi ezisezantsi (izilwanyana) azinayo i-*karma*.

Ngako oko kukumzimba womntu kuphela apho umntu anokuthi azikhulule kumthetho we-*karma*. Umntu unokuzicoca de afike kwinqanaba elingcwele, apho umthetho we-*karma* ungasamchukumisi kwaphela. Ulwazi lokukhululeka kulemithetho luyafumaneka kuncwadi lwee-Veda. Ngamawaka-waka eminyaka eziVeda zanika olu lwazi lululo ngendlela yokoyisa le mithetho ye-*karma*.

3